



## Share a picture book!

November is **International Picture Book Month**! It's a time to celebrate those special books with wonderful stories and beautiful pictures that we all love so much. Picture books are meant to be read aloud, so this makes them the perfect reading resource for sharing stories with children. Here are some of our tips to help you do this.

### SHARE THE STORY

1. Start by spending some time looking at and talking about the book's front cover. Don't forget to read the story's title and the names of the author and illustrator.
2. Make sure that the children can see the pictures as you read. Sit close together if you are reading to one or two children. With more children, have them sit in front of you and hold up the book to show them the pictures as you read the story.
3. Involve your children! Younger children often enjoy turning the pages. Invite older readers to read the words of one of the characters, or a paragraph or two of the story.
4. Try different things to make stories come alive. Use different voices for different characters. Read softly in quiet, gentle parts of a story. Read quickly if a character is in a hurry or is being chased. Read in a big, booming voice for loud noises in the story.
5. Allow time for your children to look at the pictures and spend time looking closely at the pictures together. Comment on things you are curious about or that you notice and like. Encourage your children to do the same.
6. Encourage your children to ask questions. Answer them if you can, or look for the answers together by re-reading and discussing parts of the story, and looking at some of the pictures again.



### AFTER READING

1. Talk about the story together. Encourage your children to share their opinions of the ways in which the characters in the story behaved and the choices they made.
2. Find ways for children to explore the story you have read to them. For example, they could retell and act out parts of the story, or they could draw a picture of something the story makes them feel or think of, or they could write a letter to one of the story characters.

### Which stories?

- ★ Choose picture books that you enjoy, but also ones that match your children's changing interests.
- ★ Repeat stories. Children often like to hear their favourite stories again and again. They discover new things about the story each time you read it.

### Mabali mani?

- ★ Khetha iincwadi zemifanekiso ozithandayo, kodwa maziphinde zibe zezo zihambelana nemidla etshintsha-tshintshayo yabantwana bakho.
- ★ Waphinda-phinde amabali. Abantwana bakholisa ukuthanda ukuwamamela ngokuphinda-phinda amabali abawathanda kakhulu. Bafumanisa izinto ezintsha malunga neballi kwilixa ngalinye ulifunda.



Drive your  
imagination

## Yabelana nabanye ngencwadi yemifanekiso!

Eyenkanga **yinyanga yeencwadi zemifanekiso yeZizwe ngeZizwe!** Lixesha lokubhiyozela ezo ncwadi zohlobo oluthile ezinamabali angummangaliso nemifanekiso emihle esiyithanda kangako sonke. Iincwadi zemifanekiso zibhalwa ngenjongo yokufundwa ngokuvakalayo, ngoko ke oko kuzenza ukuba zibe ngumthombo ofezekileyo wokufunda nowokubalisela abantwana amabali. Nanga amanye amacebiso anokukuncedisa ekwenzeni oku.

### BALISA IBALI

1. Qalani ngokuchitha ixesha nibuka futhi nithetha ngoqweqwe olungaphambili lwencwadi. Nize ningalibali ukufunda isihloko sebali negama lombhali nelomzobi wemifanekiso.
2. Qinisekisa ukuba abantwana bayakwazi ukuyibona imifanekiso xa ufunda. Hlalani ngokusondelelana xa ufundela umntwana omnye okanye ababini. Xa bengaphezu koko, abantwana mabahlale phambi kwakho uyiphakamisele phezu lincwadi ukuze ubabonise imifanekiso xa ufunda ibali.
3. Babandakanye abantwana bakho! Abantwana abancinci bayakuthanda ukutyhila amaphepha. Biza abafundi abadadlana ukuba bafunde amazwi omnye wabalinganiswa, okanye umhlathi omnye nokuba mibini yebali.
4. Zama izinto ezahluka-hlukileyo ezinokuwenza avakale ephila amabali. Litshintsha-tshintsha ilizwi ngokwabalinganiswa abahluka-hlukileyo. Lithobe ilizwi xa ufunda iindawo ezizolileyo, nezipholileyo zebali. Funda ngokukhawulezisa xa umlinganiswa engxamise okanye xa elegwa. Funda ngelizwi elikhulu, nelingqokolayo xa kukho iingxolo eziphezulu ebalini.
5. Nika abantwana bakho ithuba lokubuka imifanekiso nelokuhlala kunye kufuphi nayo. Phawula ngezinto ofuna ukuzazi banzi okanye oziqaphelayo nozithandayo. Khuthaza abantwana bakho ukuba nabo benze njengawe.
6. Khuthaza abantwana bakho ukuba babuze imibuzo. Baphendule ukuba uyakwazi, okanye nizikhangele kunye iimpendulo ngokubuyela kwiindawo ezithile zebali ngokuphinda nizifunde futhi nixoxe ngazo, nangokuphinda nibuke eminye imifanekiso.

### EMVA KOKUFUNDA

1. Thethani ngebali. Khuthaza abantwana bakho ukuba babelane ngezimvo zabo malunga neendlela abalinganiswa abasebalini abaziphethe ngayo nangezigaqibo abazenzayo.
2. Fumana iindlela zokwenza ukuba abantwana baliphicothe ibali enilifundileyo. Umzekelo, bangaphinda balibalise ibali babe neentshukumo ezihambelana neendawo ezithile zalo, okanye banokuzoba umfanekiso wento esebalini eyenza ukuba bazive okanye bacinge ngendlela ethile, okanye babhalele umlinganiswa othile osebalini ileta.



We will be taking a break until the **week of 17 January 2020**. Join us then for more Nalibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube **yiveki yowe-17 kweyoMqungu kowama-2020**. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNalibali!

IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.





## The Na'ibali bookshelf



## Ishelufa yeencwadi yakwaNa'ibali



In celebration of International Picture Book Month, here are some of the latest children's picture books published in South Africa. Which ones would you and your children like to try?

Malunga neMibhiyozo yeNyanga yeeNcwadi zemiFanekiso yeZizwe ngeZizwe, nazi ezinye zeencwadi zemifanekiso zabantwana ezizezona zakutshanje ezipapashwe eMzantsi Afrika. Ingaba wena nabantwana bakho ninqwenela ukuzama eziphi?



### Wanda

**Authors:** Sihle Nontshokweni and Mathabo Tlali

**Illustrators:** Chantelle and Burgen Thorne

**Publisher:** Jacana Media

Wanda is brave and strong, but the boys on the school bus always tease her about her hair. She wants to be proud of her hair, but she worries that her teacher will say it looks like a bird's nest. So, every day, she tries to neaten her hair to fit in. Luckily Grandma's hair secrets and stories give her the courage to face her fears, and Wanda realises that her hair is a crown and not a burden. *Wanda* is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.



### uWanda

**Ababhal:** Sihle Nontshokweni kunye noMathabo Tlali

**Abazobi bemifanekiso:** Chantelle kunye noBurgen Thorne

**Umpapashi:** Jacana Media

UWanda ukhaliphile kwaye womelele, kodwa amakhwenkwe ebhasini yesikolo asoloko emqhula ngeenwele zakhe. Unqwenela ukuba negugu ngeenwele zakhe, kodwa kumkathaza ngakumbi ukuva utitshala wakhe esithi iinwele zakhe ngathi yindlwane yentaka. Ngoko ke, yonke imihla, uyazama ukulungisa iinwele zakhe ukuba zibukeke kakuhle. Ngethamsanqa, iimfihlelo namabali kaMakhulu malunga neenwele ziyamkuthaza ukuba ajongane ngokuzithemba noloyiko analo, kwaye uWanda uyakuqonda ukuba iinwele zakhe zisisithaba aziloxanduva. U-*uWanda* ufumaneka ngesiNgesi, ngesiAfrikansi, ngesiXhosa nangesiZulu.


### Quill Soup

**Author:** Alan Durant

**Illustrator:** Dale Blankenaar

**Publisher:** David Philip Publishers

Noko, the porcupine, is very hungry. On arriving at a village, he asks the other animals for some food and shelter, but they say they have nothing to spare. So Noko comes up with a plan to cook a pot of soup using his quills – a soup so tasty that even the king likes it. Once the villagers hear of his plan, they offer Noko just enough ingredients to make a soup fit for a king. *Quill Soup* is illustrated by international award-winning Dale Blankenaar, and is available in 11 South African languages.



dp davidphilip  
Trading as New Africa Books



### Isuphu yeeNtsiba

**Ababhal:** Alan Durant, Xolisa Guzula

**Umzobi wemifanekiso:** Dale Blankenaar

**Umpapashi:** David Philip Publishers

UNoko, incanda, ulambe kakhulu. Ekufikeni kwakhe elalini, ucela ukutya nendawo yekhushi kwezinye izilwanyana, kodwa ziithi azinanto zinokunikela ngayo. Ngoko ke, uNoko uza necebo lokupheka imbiza yesuphu ngokusebenzisa iintsiba zakhe – isuphu enencasa kangangokuba ide ithandwe ngukumkani. Bakuba abemi belali belivile icebo lakhe, banika uNoko izithako ezaneleyo zokwenza isuphu efanele ukumkani. U-*Isuphu yeeNtsiba* libali elinemifanekiso ezotywe nguDale Blankenaar owongwe ngeembasa zehlabathi, kwaye lifumaneka ngeelwimi ezili-11 zaseMzantsi Afrika.


### The Best Meal Ever!

**Author:** Sindiwe Magona

**Illustrator:** Paddy Bouma

**Publisher:** David Philip Publishers

Mama is away and Siziwe has been left in charge of her little brothers and sisters – and Sango, the dog. But as night falls over Gugulethu, the children are hungry and there is nothing to eat. Siziwe knows it's her responsibility to make a plan, but what can she do with no money, no food and no adult to help? *The Best Meal Ever!* is available in 11 South African languages.



dp davidphilip  
Trading as New Africa Books

### Esona Sona Sidlo!

**Ababhal:** Sindiwe Magona, Xolisa Guzula

**Umzobi wemifanekiso:** Paddy Bouma

**Umpapashi:** David Philip Publishers

UMama akakho kwaye uSiziwe ushiywe nabantakwabo kunye noodadewabo abancinane – kunye noSango,inja. Kodwa kuthi kwakuhlwa eGugulethu, abantwana bazive belambile futhi kungekho nto banokuyitya. USiziwe uyazi ukuba luxanduva lwakhe ukuza necebo, kodwa yintoni anokuyenza xa engenamali, engenakutya kube kungekho nomntu omdala onokunceda? U-*Esona Sona Sidlo!* libali elifumaneka ngeelwimi ezili-11 zaseMzantsi Afrika.


### Gogo's List

**Author:** Portia Dery

**Illustrator:** Toby Newsome

**Publisher:** Jacana Media

Fatima is determined to save the day. She wants to help Gogo with her to-do list so that everyone will realise that she is a big girl now. But things don't go exactly as expected. Fatima loses the list and has to try and remember everything that was written on it! Will she be able to? *Gogo's List* is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu. It has won The Golden Baobab Prize for Picture Books and the 2018 Africana Book Award.



### Uluhlu lwezinto eziza kwenziwa nguGogo

**Umbhal:** Portia Dery

**Umzobi wemifanekiso:** Toby Newsome

**Umpapashi:** Jacana Media

UFatima uzimisele ukusindisa usuku. Ufuna ukuncedisa uMakhulu ngoluhlu lwezinto emazenziwe ukuze wonke umntu aqonde ukuba seleyintombi endala ngoku. Kodwa izinto azihambi ngokwendlela ezilindeleke ngayo ncam. UFatima ulahlekelwa luhlu ngoku ufaneele ukuzama ukukhumbula yonke into ebibhalwe kulo! Ingaba uza kukwazi? U-*Uluhlu lwezinto eziza kwenziwa nguGogo* libali elifumaneka ngesiNgesi, isiAfrikansi, isiXhosa nangesiZulu. Lizuze ibhaso i-The Golden Baobab Prize leeNcwadi zeMifanekiso nembasa yowama-2018 i-Africana Book Award.



Drive your  
imagination




## Yes Yanga!

**Author:** Refiloe Moahloli

**Illustrator:** Mogau Kekana

**Publisher:** Pan Macmillan

Yanga is the 3 Tins champion in his community. His life changes completely when his 3 Tins skills are channelled into cricket. Read about how Yanga's crazy talent takes him from local school team to the global sporting stage as one of the stars of the South African Cricket World Cup team. *Yes Yanga!* is available in English and isiXhosa.



PAN MACMILLAN

## Yheke Yanga!

**Umbhali:** Refiloe Moahloli

**Umzobi wemifanekiso:** Mogau Kekana

**Umpapashi:** Pan Macmillan

UYanga yintshatsheli yomdlalo ka3 Toti kwindawo ahlala kuyo. Ubomi bakhe butshintsha ngokupheleleyo zakuba izakhono zobuchule bakhe ku3 Toti ziguqulelwe kwibhola yeqakamba. Funda ngendlela isiphiwo sikaYanga sobutshantliziyo esimnyuse ngayo ukususela kwiqela lesikolo lendawo yakhe ukuya kwibakala lezemidlalo lehlabathi njengomnye weembalasane zegela laseMzantsi Afrika leNdebe yeHlabathi yeBhola yeQakamba. U*Yheke Yanga!* libali elifumaneka ngesiNgesi nangesiXhosa.



## Where is Naledi?

**Authors:** Elisa Sandoval-Serés, Helen Spence-Jones, Melissa de Bruin

**Illustrators:** Young Ha Suh, Samantha Lostrom

**Publisher:** David Philip Publishers

Naledi is a meerkat pup who gets lost and separated from her family. The humans catch her and put her in a cage! There, she meets Diriba, an adult meerkat who has been a pet for a long time. Diriba warns her that there are lots of bad things about being a pet, so Naledi runs away to look for her family. Meanwhile, her family keeps searching for her in the desert. There are lots of dangers when you are alone in the wild! Will Naledi find her family? *Where is Naledi?* is available in 11 South African languages.



dp davidphilip  
Trading as New Africa Books

## Uphi uNaledi?

**Ababhali:** Elisa Sandoval-Serés, Helen Spence-Jones, Melissa de Bruin, Xolisa Guzula, Babalwayashe Molate

**Abazobi bemifanekiso:** Young Ha Suh, Samantha Lostrom

**Umpapashi:** David Philip Publishers

UNaledi lintshontsho legala elisuka lilahleke lize lihlukaniswe nosapho lwalo. Ubanjwa ngabantu abamfaka kwindlu yezilwanyana! Apho, udibana noDiriba, igala eselikhulile elikhe laba sisilo-qabane kwithuba elide. UDiriba umlunkisa ngokuthi zininzi izinto ezimbi ngokuba sisilo-qabane, ngoko ke uNaledi uyaqhwebha ukuze akhangele usapho lwakhe. Ngaxeshanye, usapho lwakhe lumkhangelanga entlango. Zininzi iimeko eziyingozi xa uwedwa endle! Ingaba uNaledi uyalufumana usapho lwakhe? U-*Uphi uNaledi?* libali elifumaneka ngeelwimi ezili-11 zaseMzantsi Afrika.



## The Gift of the Sun

**Author:** Dianne Stewart

**Illustrator:** Jude Daly

**Publisher:** Jacana Media

All Thulani wants is a simple life basking in the sun. Tired of milking the cow, he exchanges it for a goat ... the goat for a sheep ... the sheep for three geese ... until all he has left is a pocket of sunflower seeds! But the sunflower seeds feed the hens, the hens lay more eggs than ever, and before long, Thulani is enjoying the gift of his newfound fortune. *The Gift of the Sun* is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.



## Isipho Selanga

**Umbhali:** Dianne Stewart

**Umzobi wemifanekiso:** Jude Daly

**Umpapashi:** Jacana Media


Okufunwa nguThulani bubomi obungenazingxaki bokugcakamela ilanga. Ngenxa yokuba ekrululwe kukusenga inkomo, uyitshintshisa ngebhokhwe ... ibhokhwe ngegusha ... igusha ngamarhanisi amathathu ... wade wasala negcuntswana leenozo zikajongilanga! Kodwa iinkozo zikajongilanga zezokondla izikhukukazi, izikhukukazi zibekela amaqanda athe kratya into engazange yenzeke ngaphambili, futhi kungekudala, uThulani uyasivuyela isipho sethamsanga sakhe esitsha. U-*Isipho Selanga* libali elifumaneka ngesiNgesi, isiAfrikansi, isiXhosa nangesiZulu.

## South African Animal Portraits A-Z

**Author and illustrator:** Nicolaas Maritz

**Publisher:** David Philip Publishers

Meet the mammals, reptiles, insects and birds who live in the veld, desert, forests and ponds of South Africa. From the ant-eating aardvark to the zebra spitting cobra, there is a new friend on every page. This alphabet book is packed with beautiful illustrations and includes the scientific name of each animal. *South African Animal Portraits A-Z* is available in English.



dp davidphilip  
Trading as New Africa Books

## South African Animal Portraits A-Z

**Umbhali nomzobi wemifanekiso:** Nicolaas Maritz

**Umpapashi:** David Philip Publishers

Dibana nezilo ezanyisayo, ezirhubuluzayo, izinambuzane kunye neentaka ezihlala endle, emahlathini nasemachibini aseMzantsi Afrika. Ukususela kwisimbamgodi esitya iimbovane ukuya kwiquwarha nakwiphimpi elitshicayo, kukho umhlobo omtsha kwiphepha ngalinye. Le ncwadi yealfabhethi ihlohlwe ngemizobo emihle nequka igama lobunzululwazi lesilwanyana ngasinye. Incwadi ethi *South African Animal Portraits A-Z* ifumaneka ngesiNgesi.


## The Go-Away Bird

**Author:** Julia Donaldson

**Illustrator:** Catherine Rayner

**Publisher:** Pan Macmillan

One by one, the birds fly into the tree where the Go-Away bird sits. They want to talk or play, but the Go-Away bird just shakes her head and sends them all away. Then a dangerous bird comes along, and the Go-Away bird soon realises that she might need some friends after all. This beautifully-illustrated story has been written in rhyme by best-selling author, Julia Donaldson, and is available in English.



PAN MACMILLAN

## The Go-Away Bird

**Umbhali:** Julia Donaldson

**Umzobi wemifanekiso:** Catherine Rayner

**Umpapashi:** Pan Macmillan

Nganye nganye, iintaka zibhabhela emthini apho ihlala khona iGolomi. Zinqwenela ukuncokola okanye ukudlala, kodwa iGolomi isuka inikine intloko yayo izigxotho zonke. Nako kufika intaka enobungozi, iGolomi iqale iqonde ukuba kungenzeka ibadinge abahlobo. Eli bali linemifanekiso ezotywe kakuhle libhalwe ngokusebenzisa imvanosiphelo ngumbhali weencwadi wodumo, uJulia Donaldson, kwaye lifumaneka ngesiNgesi.



# Enjoy picture books!

Here are some ideas to help you and the children in your life celebrate **International Picture Book Month**.

- **Choose your favourite.** Make a list of all the picture books you and your children read together during November. Then at the end of the month, vote for your favourite book. The picture book that gets the most votes is the winner!
- **Tell the story.** Choose a picture book that none of you has read before. Read the title together. Next, page through the book, and while looking at the pictures, tell your own story to go with them. Afterwards, read the story that the author wrote. How was the story you told, similar and/or different to the one that the author wrote?
- **Try something new.** During November try reading picture books by authors you haven't tried before. Also, choose picture books with different styles of illustration. You may find a new favourite picture book!
- **Make your own picture book.** Make up a story with your children and then write it down on sheets of paper. Get everyone involved in drawing the pictures. Use staples or string to bind the book together. Don't forget to give your books a cover! (Tip: You can find instructions on how to bind a book and make a book cover that lasts in Edition 161.)
- **Be a picture book ambassador.** If you have a Facebook page, challenge your friends to celebrate International Picture Book Month by reading a picture book to a child every day during November. Share some of the ideas on this page with them too. If you're on Twitter or Instagram, use the hashtag #internationalpicturebookmonth. Tweet or post about the importance of picture books and let your followers know what they can do to help grow a love of reading in children.

# Yonwabela iincwadi zemifanekiso!

Nazi ezinye izimvo zokukuncedisa wena nabantwana bakho ebomini benu bokubhiyozela **iNyanga yeeNcwadi zemiFanekiso yeZizwe ngeZizwe**.

- **Khethani ezona niziithandayo.** Yenzani uluhlu lwazo zonke iincwadi zemifanekiso enizifunde nabantwana bakho kwinyanga yeNkanga. Ekupheleni kwenyanga, votelani eyona ncwadi niyithanda kakhulu. Eyona ncwadi yemifanekiso efumana ezona voti zininzi yiyo egqwesileyo!
- **Balisani ibali.** Khethani incwadi yemifanekiso ekungekho namnye kuni owakhe wayifunda kwithuba langaphambili. Sifundeni kunye isihloko sayo. Okulandelayo makube kukutyhila onke amaphepha encwadi, kanti ngelixa nibuka imifanekiso, balisani ibali elilenu elihambelana nayo. Emva koko, fundani ibali elibhalwe ngumbhali. Ingaba ibali enilibalisileyo, lifana ngantoni liphinde/okanye lahluke ngantoni kwelo libhalwe ngumbhali?
- **Zamani okunye okutsha.** Ngenyanga yeNkanga zamani ukufunda iincwadi zemifanekiso ezibhalwe ngababhali eningazange nafunda iincwadi zabo ngaphambili. Kwakhona, khethani iincwadi zemifanekiso zezimbo ezahluka-hlukileyo zokuzotywa kwemifanekiso. Mhlawumbi ningabhaqa incwadi yemifanekiso entsha eyiyona niyithanda kakhulu!
- **Yenzani eyenu incwadi yemifanekiso.** Qambani ibali kunye nabantwana bakho nize nilibhale emaphepheni. Wonke umntu makabe nenxaxheba ekuzotyweni kwemifanekiso. Sebenzisani iziteyipile okanye umtya wokudibanisa incwadi kunye. Ningalibali ukwenzela incwadi nganye umphandle! (Icebiso: Ningafumana imiyalelo malunga nokudibanisa incwadi nangokwenza umphandle wencwadi ngendlela engenakufane ichithakale kuShicilelo 161.)
- **Yiba ngumthunywa weencwadi zemifanekiso.** Ukuba ukuFacebook, cela umngeni kubahlobo bakho wokubhiyozela iNyanga yeeNcwadi zemiFanekiso yeZizwe ngeZizwe ukuba bafundele umntwana incwadi yemifanekiso yonke imihla ngeyeNkanga. Yabelana nabo ngezinye izimvo ezikweli phepha. Xa ukwiTwitter nokuba yiInstagram, sebenzisa isihloko esithi hashtag #internationalpicturebookmonth. Thwitha okanye posta izimvo ngokubaluleka kweencwadi zemifanekiso wazise abalandeli bakho ngezinto abanokuzenza malunga nokukhulisa uthando lokufunda ebantwaneni.



## Create TWO cut-out-and-keep books

### How many dogs?

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

### Why Dog is afraid of storms

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



## Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

### Zingaphi izinja?

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

### Kutheni uNja esoyika isiphango

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.



Drive your imagination





He thought so hard that he could almost smell the perfume. He did not notice the rain clouds spreading like a blanket above him.

Wacinga kakhulu kangangokuba waphantse waliva ivumba lesiqholo somzimba. Zange awaqaphele amafu emvula asasazeka okwengubo phezu kwakhe.



Dog thought and thought ...

UNja wacinga, wacinga ...



# Why Dog is afraid of storms

## Kutheni uNja esoyika isiphango



Maryanne Bester  
Shayle Bester  
Lulu Mfazwe-Mojapelo



We publish what we like

This is an adapted version of *Why Dog is afraid of storms* published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in English, Afrikaans, isiXhosa, isiZulu, Sesotho and Setswana. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Kutheni uNja esoyika isiphango*, elishicilelwe yiJacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiNgesi, ngesiAfrikansi, ngesiXhosa, ngesiZulu, ngeSesotho nangeSetswana. UJacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




Drive your imagination





It was the end of the dry season and Dog’s best friend was tired. He asked Dog to watch the cattle in the kraal and went off to rest.



Then a cow came forward and whispered in Dog’s ear. She offered him a roll in their mud, a place in their shade, a mad race around the dam AND an extra-smelly bottle of polecat perfume.

Ke ngoku kweza imazi yenkomo ngaphambili yasebeza endlebeni kaNja. Imthembise ngendawo yokuzibhugabhuga eludakeni lwazo, indawo emthunzini wazo nomdyarho ojikeleza idami KUNYE nebhottle enuka kakhulu yesiqholo somzimba seqaga.



When the sun comes out, Dog forgets the terror of the storm. He runs to his best friend and is happy. But he will never again trust those mischievous cattle!


Xa kuphuma ilanga, uNja uyalibala ngoloyiko lwesiphango. Ubalekela kumhlobo wakhe osenyongweni futhi wonwabile. Kodwa akasoze aphinde azithembe ezo nkomo zinentloni!



Then Dog stopped thinking ... He swung open the gate.



Ngoku uNja wayeka ukucinga...  
Waliqiwuzisa isango lavuleka.



He believes he will again be trampled  
by many loud hooves.

Ucinga ukuba uyakuphinda axovulwe  
ziimpuphu ezininzi ezingxolayo.



Kwakusekupheleni kwesizini eyomileyo kwaye  
umhlobo osenyongweni kaNja wayediniwe.  
Ucele uNja ukuba amjongele iinkomo ebuhlanti  
waze wemka wayophumla.



Zaphinda zathi zingamnika indawo  
yokuzibhugabhugela eludakeni lwazo, KUNYE  
ziminike indawo emthunzini wazo KUNYE  
nomdyarho ojikeleza idami.  
UNja wayicinga le nto. Kodwa akalivula  
tu isango.


Dog thought about it. But he still would not  
open the gate.

So next they offered him a roll in their mud, a  
place in their shade AND a mad race around  
the dam.



Dog sat down at the kraal gate. The cattle  
greeted Dog and he listened as they discussed  
the coming rains. He was too young to have  
ever seen a rainstorm.

Then the cattle began to offer gifts to Dog –  
if he would only open the gate.



But at that moment, a sharp light  
cracked across the sky, and he heard  
what sounded like a great whip  
striking the ground.



... and he hides away.

... aze azimele.



Kukho into enuka kamandi.




Something smells good.

Zintandathu izinja.

Six dogs.


6




Zintlanu izinja.

Five dogs.

5



## How many dogs? Zingaphi izinja?



Ruth Cousins  
Nobuntu Stengile

Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust and the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go to [www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).



Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-[www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination





No dogs.  
Akukho zinja tu.



Four dogs.  
Zine izinja.



Three dogs.  
Zintathu izinja.



One dog.  
Inyeinja.



Two dogs.  
Zimbini izinja.







Kodwa ngalo muzu, umbane obukhali  
wakrazula esibhakabhakeni, waze  
weva into evakale ngathi sisabhokhwe  
esikhulu esibetha emhlabeni.



... AND a place in their shade.  
Dog thought about it. But he  
would not open the gate.

... KUNYE nendawo emthunzini wazo.  
UNja wayicinga le nto. Kodwa akalivula isango.



And that is why when Dog smells the storm and  
hears the thunder, his eyes grow wild, he begins  
to shake ...

Yiyo loo nto xa uNja  
enukelwa livumba  
lesiphango kwaye esiva  
iindudumo amehlo akhe  
abanobundlobongela,  
aqalise ukuncangcazela ...



UNja wahlala esangweni lobuhlanti. Iinkomo  
zambulisa uNja waza wamamela ngethuba bexoxa  
ngeemvula ezizayo. Wayemncinci kakhulu engazange  
wayibona imvula ekhatshwa ziziphango.

Iinkomo ziqalise ukumpha izipho uNja – ukuba  
angavula nje isango.



Zaphinde zathi zingamnika indawo  
yokuzibhuqabhuga eludakeni lwazo ...



Then they offered him a roll in their mud ...



First they offered him a roll in  
their mud.  
Dog thought about it. But he  
would not open the gate.

Kuqala zathi  
zingamnika indawo  
yokuzibhuqabhuga  
eludakeni lwazo.

UNja wayicinga  
le nto. Kodwa  
akalivula isango.

Then the terrifying sound of drumming hooves  
filled his ears, as all the cattle charged right over  
him – and out of the gate.



Ngoku iindlebe zakhe zavalwa sisandikazi  
esoyikisayo seempuphu ezingathi zibetha igubu,  
njengoko zonke iinkomo zaziqabela ngaphaya  
kwakhe – zaphuma ngaphandle kwesango.



## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Why Dog is afraid of storms* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), *How many dogs?* (pages 9 and 10) and *Hair magic* (page 14).



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *Kutheni uNja esoyika isiphango* (iphepha lesi-5, lesi-6, lesi-7, lesi-8, le-11 nele-12), *Zingaphi izinja?* (iphepha le-9 nele-10) nelithi *Ummangaliso weenwele* (iphepha le-15).

### Why Dog is afraid of storms

★ Talk about the story.

- ☐ What do you think of the way that the cattle behaved towards Dog?
- ☐ Do you think it was wrong of Dog to open the gate? Why or why not?
- ☐ If the boy had asked you to look after the cattle, is there something that someone could have promised you which would have made you open the gate? What would it be?
- ☐ If Dog had kept the gate shut, do you think he would still be afraid of storms? Why or why not?

★ What are you scared of? Tell a friend or family member the story of how you came to be scared of one of these things.

### Kutheni uNja esoyika isiphango

★ Thetha ngebali.

- ☐ Ucinga ntoni ngendlela iinkomo ezamphatha ngayo uNja?
- ☐ Ucinga ukuba uNja wayengafanelanga kulivula isango? Kutheni okanye kutheni kungenjalo?
- ☐ Ukuba inkwenkwe yayikucele ukuba waluse iinkomo, ingaba ikhona into owawunokuyithenjiswa ngumntu eyayinokwenza ukuba uvule isango? Yayinokuba yintoni?
- ☐ Ukuba uNja wayelicine livaliwe isango, ucinga ukuba wayenokuba usazoyika iziphango? Kutheni okanye kutheni kungenjalo?

★ Wena woyika ntoni? Balisela umhlobo okanye ilungu losapho ibali lokuba kwathini ukuze woyike enye yezi zinto.



### How many dogs?

- ☆ Use the pictures to retell the story in your own way.
- ☆ People who are hearing impaired communicate by using sign language. Try out the signs used in this story.
- ☆ Make your own counting book for the numbers one to ten. Can you make your book bilingual?



### Zingaphi izinja?

- ☆ Sebenzisa imifanekiso ukuphinda ubalise ibali ngendlela eyiyeyakho.
- ☆ Abantu abanengxaki yokungeva basebenzisa iminwe nezandla njengendlela yabo yonxibelelwano. Zama ezi mpawu zokuthetha ngezandla ezisetyenziswe kweli bali.
- ☆ Zenzele incwadi yakho yokubala amananani ukususela kwisinye ukuya kwishumi. Ungakwazi ukwenza incwadi yakho ngeelwimi ezimbini?



### Hair magic

★ Think about your hair.

- ☐ What do you like the most about your hair?
- ☐ Do you like to keep your hair in the same style – or do you enjoy having it in different styles?
- ☐ Are there other hairstyles that you would like to try?
- ☐ What is your favourite hairstyle? Why do you like it?

★ Draw a picture of yourself with your favourite hairstyle!



### Ummangaliso weenwele

★ Cinga ngeenwele zakho.

- ☐ Yiyiphi eyona nto uyithanda kakhulu ngeenwele zakho?
- ☐ Ingaba uyathanda ukugcina iinwele zakho zilungiswe ngendlela enye – okanye uthanda ukuzilungisa ngeendlela ezahluka-hlukileyo?
- ☐ Ingaba zikhona ezinye iindlela zokulungisa iinwele onqwenela ukuzizama?
- ☐ Yiyiphi eyona ndlela yokulungisa iinwele oyithanda kakhulu? Kungani uyithanda?

★ Zoba umfanekiso wakho ulungise iinwele ngeyona ndlela uyithanda kakhulu!







# Hair magic



By Mbali Kgame ■ Illustrations by Magriet Brink and Leo Daly

Zinhle loved skipping in the playground with her friends Sindi and Zongi. Just one thing worried her. When her friends skipped, their hair flew up and down, and flicked from side to side. Zinhle had a thick mop of soft hair that formed a big round shape, and it never moved in the same way as theirs did.



One Saturday morning Zinhle asked her mother, "Mama, why doesn't my hair grow down like my friends' hair? Their hair flies about when they skip. It looks so pretty! It makes me sad that my hair doesn't move like that. It just stays still!"

"Your hair may be different from your friends' hair, but it's just as beautiful as theirs!" said Mama. Zinhle made a sad face, but her mama just smiled at her. "Look around you, Zinhle," she said. "Your hair grows from the roots up, like the trees and plants. It's also round and big, just like the earth we live on. You can play around with it too and make beautiful patterns and shapes in it. Your hair is magical – and *that* is special!"

These words made Zinhle happy. She ran outside to tell her friends about her magical hair. But when she told Zongi and Sindi what Mama had said, they just looked at each other, and burst out laughing.

"How can hair be magic?" asked Zongi.

"Ha-ha-ha!" laughed Sindi. "Don't joke like that, Zinhle! Magic? Never!"

Zinhle's eyes filled with tears, but she didn't cry. She didn't want Zongi and Sindi to laugh at her again.

Just then, the girls saw Gogo waving to them. She was standing in her doorway nearby.

"Look, Gogo's calling us," said Zinhle.

The three children loved helping Gogo. She told them lots of stories and gave them dried fruit every time they visited her. So Zinhle, Zongi and Sindi hurried to find out why Gogo was calling them.

"I'm not well today," said Gogo. "I want to send you to kwaNtuli to get some medicine."

The children were sad to hear that Gogo wasn't well and agreed to go and get her some medicine.

"I'll draw you a map so you won't get lost," said Gogo. "The map will lead you to Baba Ntuli's place, and he'll give you some herbs." Then Gogo went inside to find paper and a pencil to draw the map. She looked in her drawer, but she couldn't find any paper. "I'll have to make another plan," she said.

She looked carefully at each of the girls. Then she said, "Zinhle, you have very beautiful hair. It looks strong. I will braid cornrows to make a map in your hair. The map will help you get to kwaNtuli."

Gogo sat on her favourite red chair, and Zinhle sat on the mat in front of her. Gogo braided Zinhle's hair. The other girls watched eagerly. As Gogo combed and braided different patterns, Zongi and Sindi were amazed by the length of Zinhle's hair.

"Wow! Your mama is right," said Sindi. "Your hair really IS magical! It looks so short, but it's longer than you think!"

"It's true," said Zongi. "It's a big surprise!"


Zinhle smiled at them happily.

When Gogo had finished braiding Zinhle's hair, the cornrows looked just like a map to guide the children to kwaNtuli! As they walked along the narrow paths through the veld, Zongi and Sindi often stopped and studied Zinhle's hair to make sure that they were still going in the right direction. While they walked, they sang a song they had made up:

*"Gogo's not well,  
Gogo's not well.  
We're going to kwaNtuli,  
we're going to fetch herbs –  
herbs to make Gogo well!"*

The children finally arrived at kwaNtuli. There Baba Ntuli gave them two packets of herbs for Gogo. On their way home the girls again used Zinhle's cornrow map to guide them. When they arrived safely at Gogo's house, they gave her the medicine.

The next morning, Zinhle, Zongi and Sindi went to Gogo's house to see if she was better. When they arrived, they found her watering her garden.



"Good morning, my children," said Gogo with a big smile. "I'm feeling much stronger today, all thanks to you!"

The girls were happy to hear that they had helped Gogo, but they were thinking about something else too.

"Gogo, would you please braid my hair the same way you did Zinhle's hair?" asked Sindi.

"Mine too, please!" said Zongi.

"Of course," said Gogo. "Come inside."

During news time at school the next morning, the three friends told their class all about their magic hairstyles. At break, they had just started skipping when some children asked to see their cornrows that made a map to kwaNtuli. "It really is magic," said someone, and everyone else agreed.





# Ummangaliso weenwele

Libali likaMbali Kgame Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink kunye noLeo Daly

UZinhle wayekuthanda ukudlala ugqaphu ebaleni lokudlala kunye nabahlobo bakhe uSindi noZongi. Inye kuphela into eyayimkhathaza. Xa abahlobo bakhe bexhuma-xhuma, iinwele zabo zaziphephethekela phezulu nasezantsi, ziphinde zijuleke ukusuka ecaleni ukuya kwelinye. UZinhle wayenesihlwitsha esishinyeneyo seenwele ezithambileyo ezazisenza imilo enkulu engqukuva, futhi zazingakwazi ukuya ngapha nangapha njengezabo.



Ngenye intsasa yangoMgqibelo uZinhle wabuza umama wakhe, “Mama, kutheni ezam iinwele zingakhuli zihle njengeenwele zabahlobo bam? Iinwele zabo zibhabhela macala xa sidlala ugqaphu. Kuhle kakhulu oko! Ndiziva ndilusizi kuba ezam iinwele azikwazi kushukuma njalo. Zihlala zimi ndawonye!”

“Nangona iinwele zakho zahlukile kwezabahlobo bakho, nazo zintle njengezabo!” watsho uMama. UZinhle wajika ubuso wabukeka elusizi, kodwa umama wakhe wamncumela. “Khawuzijonge, Zinhle,” watsho. “Iinwele zakho zihluma ezingcanjini zazo ziye phezulu, ngokwemithi nezityalo. Ngokunjalo zingqukuva kwaye zinkulu ngokomhlaba esihlala kuwo. Unakho ukudlala-dlala ngazo nawe wenze iipateni neemilo ezintle ngazo. Iinwele zakho zingummangaliso – kanti oko kukhethekile!”

La mazwi amonwabisa uZinhle. Wabaleka waya phandle ukuya kuxelela abahlobo bakhe ngeenwele zakhe ezingummangaliso. Kodwa akuba exelele uZongi noSindi okuthethwe nguMama wakhe, bajongana, basuka bayothula phezulu intsini.

“Iinwele zingaba ngummangaliso njani?” wabuza uZongi.

“Ha-ha-ha!” wahleka uSindi. “Khawuyike iziqhulo, Zinhle! Ummangaliso? Ayikho wethu loo nto!”

Amehlo kaZinhle azala ziinyembezi, kodwa zange ade alile. Wayengafuni ukuba uZongi noSindi bamhleke kwakhona.

Kanye ngelo xesha, amantombazana abona uMakhulu ebawangawangisela isandla. Wayemi ngasemnyango wakhe kufuphi nabo.

“Jongani, siyabizwa nguMakhulu,” watsho uZinhle.

Bobathathu aba bantwana babethanda ukuncedisa uMakhulu. Wayebabalisela amabali amaninzi abaphe neziqhamo ezomisiweyo qho xa beye kumtyelela. Ngoko ke uZinhle, uZongi noSindi bakhawuleza baya kuqonda ababizelwa kona nguMakhulu.

“Andiphilanga namhlanje,” watsho uMakhulu. “Ndifuna ukunithuma kwaNtuli niye kuthatha iyeza.”

Abantwana babelusizi kukuva ukuba uMakhulu akaphilanga baze bavuma ukuya kumlandela iyeza.

“Ndiza kunizobela imephu ukuze ningalahleki,” watsho uMakhulu. “Imephu iya kunikhocelela kwaTata uNtuli, oya kunika iyeza lesiNtu.” UMakhulu wangena ngaphakathi waya kuthatha iphepha nepenisile ukuze azobe imephu. Wakhangela edrowini yakhe, kodwa akafumana phepha. “Kuza kufuneka ukuba ndenze elinye icebo,” watsho.

Wawajonga ngokuwaqwalasela amantombazana nganye. Wasuka wathi, “Zinhle, uneenwele ezintle kakhulu. Zibukeka zomelele. Mandiziphothe ngokuvula imiqolo ukuze ndenze imephu kuzo. Imephu iya kunceda ukuba nifike kwaNtuli.”

UMakhulu wahlala esitulweni sakhe esibomvu asithanda kunene, waze uZinhle wahlala emethini phambi kwakhe. UMakhulu waphotha iinwele zikaZinhle. Amanye amantombazana ayebukeke ngomdla. UMakhulu wathi xa ekama iinwele futhi eziphotha ngokweepateni ezahluka-hlukileyo, uZongi noSindi bamangaliswa bubude beenwele zikaZinhle.

“Wowu! Unyanisile umama wakho,” watsho uSindi. “Iinwele zakho ZINGUWO ummangaliso! Nangona zibukeka zimfutshane, zinde kunokuba umntu ezingela!”

“Inene,” watsho uZongi. “Ngumnqa omkhulu lo!”


UZinhle wabancumela ngovuyo.

Akuba egqibile uMakhulu ukuphotha iinwele zikaZinhle, imiqolo yayibukeka ncam njengemephu eza kukhokelela abantwana kwaNtuli! Bathi xa babehamba kwindledlana emxinwa ethafeni, uZongi noSindi bamana besima beziqwalasela ngobunono iinwele zikaZinhle ukuqinisekisa ukuba basahamba ngentsingiselo echanekileyo. Baluqhuba uhambo lwabo ngengoma ababeyiqambile:

*“UMakhulu akaphilanga,  
uMakhulu akaphilanga.  
Siya kwaNtuli,  
siya kulanda amayeza esiNtu –  
amayeza okunyangwa uMakhulu!”*

Ekugqibeleni abantwana bafika kwaNtuli. Apho uTata uNtuli wabanika iingxowana ezimbini zeyeza likaMakhulu. Endleleni yawo egodukayo amantombazana aphinda asebenzisa imephu yemiqolo kaZinhle ukuze ibakhokele. Ekufikeni kwabo endlwini kaMakhulu, bamnika iyeza lakhe.

Ngentsasa elandelayo, uZinhle, uZongi noSindi baya endlwini kaMakhulu ukuya kujonga ukuba ingaba uziva ebhetele na. Bafika enkcenkceshela isitiya sakhe.



“Molweni bantwana bam,” watsho ngoncumo olukhulu uMakhulu. “Ndiziva ndisemandleni amakhulu namhlanje, ndiyanibulela!”

Amantombazana avuyiswa kukuva ukuba kuthe kanti bamncedile uMakhulu, kodwa ikhona enye into eyayifike ezingqondweni zawo.

“Makhulu, unganceda uphothe iinwele zam ngendlela ozenze ngayo iinwele zikaZinhle?” wabuza uSindi.

“Nezam, torho!” watsho uZongi.

“Ngokuqinisekileyo,” watsho uMakhulu. “Ngenani ngaphakathi.”

Ngexesha leendaba esikolweni ngentsasa elandelayo, abahlobo abathathu baxelela ikhasi ngeendlela zabo zokulungisa iinwele ezingummangaliso. Ngexesha lokuphumla, bathi besaqala ukudlala ugqaphu abanye abantwana bababuzwa ngemiqolo yeenwele zabo ezobe imephu eya kwaNtuli. “Ngummangaliso wenene,” watsho omnye, baza bangqina bonke abanye.







1.

## Are you a star storyteller?

Look at the pictures below. Can you make up a story based on all or some of these pictures? You could tell your story to a group of friends, or write it down so that you can read it to others later.

- ☉ Decide which picture you want to use for the start of your story.
- ☉ Then look at the other pictures and decide in what order you could use them to create a story.
- ☉ Now, write or tell your story and use words to fill in the gaps between the pictures to create your story.
- ☉ Many different stories can be created from the pictures. The story you write or tell will depend on the order you use the pictures in, the ideas you have and how you weave them together into a story!
- ☉ You may want to cut out the pictures to use with your story.
- ☉ Don't forget to give your story an interesting title.



## Ingaba ungumbalisi-mabali ophume izandla?

Jonga imifanekiso engezantsi. Ingaba ungakwazi ukuqamba ibali elisekelwe kuyo yonke le mifanekiso okanye kweminye yayo? Ungabalisela iqela labahlobo bakho ibali lakho, okanye ulibhale phantsi ukuze ulifundele abanye kamva.

- ☉ Gqiba ngomfanekiso ofuna ukuvula ngawo ibali lakho.
- ☉ Emva koko, jonga eminye le mifanekiso uze ugqibe ngendlela ofuna ukuyilandelelanisa ngayo xa usenza ibali.
- ☉ Ngoku ke, bhala okanye ubalise ibali lakho uze usebenzise amagama ukuzalisa izithuba eziphakathi kwemifanekiso xa usenza ibali lakho.
- ☉ Ngamabali amaninzi kakhulu ohlukileyo onokuwaqamba ngale mifanekiso. Ibali olibhalileyo okanye olibalisayo liza kuxhomekeka kwindlela elandelelanisa noyisebenzise ngayo imifanekiso, iingcinga onazo nendlela oziyondelelanise ngayo ebalini!
- ☉ Mhlawumbi ungathanda ukuyisika imifanekiso oza kuyisebenzisa neballi lakho.
- ☉ Uze ungabali ukunika ibali lakho isihloko esinomtsalane.

2.

## Can you help Hope?

When Hope got home from school, she found a note in the kitchen that her mom had left for her. Hope was so thirsty that she decided to pour herself a glass of orange juice before reading the note. But as she was pouring the juice, some of it spilt onto the note and now she can't read all the words! Can you help her guess what the missing words in the note might be?

Hi \_\_\_\_\_

I have gone to buy some \_\_\_\_\_

to make sandwiches for your school lunch tomorrow. I will buy some more \_\_\_\_\_

juice too. On my way home from the \_\_\_\_\_

I am going to stop at the library to borrow some more \_\_\_\_\_

Please start doing your homework. See you soon!

Love \_\_\_\_\_



Molo \_\_\_\_\_

Ndiye kuthenga \_\_\_\_\_


ukuze ndenze amaqebengwana ahlohiweyo esidlo sakho sasemini sangomso esikolweni. Ndiza kuthenga nenye ijuisi \_\_\_\_\_ ngokunjalo.

Endleleni egodukayo evela \_\_\_\_\_, ndiza kugqitha elayibrari ndiboleke ezinye \_\_\_\_\_, Nceda qalisa ngokwenza umsebenzi wakho wesikolo. Ndiza kukubona kwakamsinyane!

Ngothando \_\_\_\_\_

We will be taking a break until the week of 17 January 2020. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yowe-17 kweyoMqungu kowama-2020. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNal'ibali!



Impendulo: 2. Hope, isonka, yeeorenji, evenkileni/esuphamakethe, incwadi, nguMama  
Answers: 2. Hope, bread, orange, shop/supermarket, books, Mom/Mommy

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

nalibaliSA

@nalibaliSA

@nalibaliSA

info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

Sowetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

